*Intlanzi kunye nesipho*
Illustrated by Jesse Breytenbach
Written by Liesl Jobson
Designed by Andy Thesen
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants at Cape Town on 28 June 2014, listed here: http://www.bookdash.org/#20140628-cape-town

Thanks to John Hishin for the photographs of the Muizenberg treknet fishermen that sparked this story.

ISBN: 978-0-9946520-3-4

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# Intlanzi kunye *nesipho*

Liesl Jobson
Jesse Breytenbach
Andy Thesen

Ngomnye uLwesihlanu okhethekileyo utata kaYusuf wanxiba phambi kokuba kuthi qheke ukukhanya esibhakabhakeni. Wazithi wanmbu ngesikhwehle sakhe kunye nomnqwazi wakhe wewulu oluhlaza wokogquma iindlebe. Wawangawangisa ebhabhayisa kunyana wakhe.  Amehlo kaYusuf abengezela lulonwabo xa uPapa esithi, “Namhlanje yimini endiza kubamba ngayo intlanzi ndize ndikuphatele nesipho”.



Intlanzi kunye nesipho? Owu, kazi siza kuba yintoni? UPapa waqhuba ibhayisekile esehla ngendela eya eMuizenberg. *Tshixi, tshixi*, angxola njalo amavili ukuya kutshona eSurfer's Corner.

Amangabangaba ayejikeleza esibhakabhakeni. "Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" akhala njalo. "Uza kumphathela ntoni uYusuf?"

UPapa wakhalisa uphondo lwebhayisekile yakhe. "Lindani niza kubona ukuba iza kuba yintoni na!"



Abalobi babukele ilanga lisenyuka. Bakhangela iminatha yabo ukuba imi kakuhle kusini na. Bakhangela amaphini abo okuqhuba izikhitshana. Bamamela ukuba uvela ngaphi na umoya. Batsala izikhitshana zabo bezifaka emanzini. Utat'omkhulu kaYusuf, uTa'mkhul' uSalie, wayengumlobi oloba ngokutsala umnatha emva kwesikhitshane. Phambi kwakhe, utata wakhe, uTa'mkhul' uRidwaan, wayelwazi naye ulwandle.





Isikhitshana saya phambili siqhutywa ngamaza. Iingalo zikaPapa zabamba iphini lokuqhuba isikhitshane. Umlenze wakhe waxhathisa ecaleni lesikhitshane. Intamo yakhe yatsaleka, nezihlunu zakhe zahukuma.

UPapa wayecula lo gama asebenzayo, “Yihla uze uthi swahla. Fumana iintlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki.”



Yonke loo mini uYusuf wayejonge sibhakabhakeni. Sasiluhlaza, kungekho nalinye ilifu nomoya ungekho. Intlanzi kunye nesipho! Uza kundiphathela ntoni bethu uPapa elwandle? Ngamanye amaxesha undiphathela unokrwece omhle. Maxa wambi andiphathela ibhotilana eluhlaza yamaso etyekezwe ngamaza.



Ngezinye iintsuku utata kaYusuf uza nebali. Njengalaa mini babefumene ngayo amafudo aselwandle entlabathini, amakhulu-khulu amafudo etyekezwe lulwandle emva kwesiphango.

“Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!” akhala njalo amangabangaba. “Uza kwenza ntoni enokunceda amafudo aselwandle?”

UPapa wathi, “Siwasindisile loo mafudo, ndiyakuxelela. Siwabuyisele elwandle kwakhona, nditsho nelokugqibela.”





Ngalo lonke ixesha uPapa ubuya nengoma. Ucula ingoma lo gama etsala iphini lokuqhuba isikhitshane. Ucula ingoma lo gama etsala iminatha yokuloba. Ucula ingoma xa asonga iintambo. Ucula ingoma njengokuba enyova ibhayisekile yakhe, egoduka. “Yihla uze uthi swahla. Fumana iintlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki.”



UMakhulu uSafiya ufuna intlanzi i-yellowtail emnandi netyebileyo yesidlo sangokuhlwa. UMama ufuna ilokhwe entle.

“Musa ukufane ube nethemba,” utsho uMakhulu. “Uya kuba unethamsanqa ukuba babambe unonkala omncinane. Mhlawumbi ingade ibe nguLwesihlanu we-fish tail lo. Akusekho zintlanzi zininzi ziseleyo elwandle.”

UYusuf ubamba isandla sikaMakhulu. Bawela indlela ngakumagunjana okuhlamba. “Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!” kukhala amangabangaba ethe ngcu phezu kwamaphahla anemibala eqaqambileyo. “Yintoni isidlo sangokuhlwa?”



Kunyaka ophelileyo abalobi balwa nabadlali ababaleka ngebhodi phezu kwamaza.

"Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!" kukhala amangabangaba.

"Ulwandle lonele wonke umntu," watsho utata kaYusuf. Wababonisa abadlali iphepha-mvume yokuloba eyayiyekaTat'omkhulu uSaliw. "Amanza ngawomntu wonke. Amanzi asimahla."



UMakhulu uSafiya ujonge ngoomabonakude bakhe, iminwe yakhe ide yagoba kukufuna ukwazi. Intsimbi elumkisa ngobukho bukakrebe iyakhala. Abaqubhayo babaleka baphume elwandle, bathathe iitawula zabo. Abadlali ngeebhodi kumaza baza elunxwemeni nabo, bethe khu phantsi kweengalo zabo ibhodi zabo zokukhwela kumaza. Phantsi kweeshawa bakhulula iimpahla zabo zokudada.

“Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a!” kukhala amangabangaba. “Uza kubuya nantoni utata kaYusuf elwandle?”



Utata kaYusuf npmalume kunye nabazala bakhe bayakhefuzela bayatsala. Ukrebe omncinane ubanjisiwe. Uyabhinyalaza ezibethekisa emazeni. Utata kaYusuf ukhulula ukuphithana kweminatha, eculela ukrebe, "Yihla uze uthi swahla. Fumana intlanzi. Tsala macala onke. Ungayeki."

Ekugqibeleni xa ukrebe ekhululekile, edada ukubuyelaelwandle, kushiyeka kuphela intlanzi enya etyebileyo yohlobo lwe-yellowtail. UMakhulu uSafiya uza kuvuya.



Amadoda atsala isikhitshane azeasonge iintambo. Unxantathu onzima nomhlophe ubambisa umnwe kaPapa.

Wha-a-a! Wha-a-a! Wha-a-a! kukhala amangabangaba. "Umphathele ntoni uYusuf?"

Njengokuba ilanga lisiya litshona, uPapa uphendula amangabangaba, "Ndiphathele unyana wam izinyo lethamsanqa likakrebe."

Ekhaya uYusuf uphakamisela isipho sakhe phezulu, ezinkwenkwezini.



